URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

Isalathiso: 20170607-1788
12/12/13/1
Imibuzo: R Larney

ISetyhula: 0020/2017
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphatha, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukwazisa izikolo ngamalungiselelo oNyulo lwamaBhunga oLawulo ka-2018*

Isihloko: Ukubhengezwa konyulo lwamabhunga olawulo ka-2018

1. **Intshayelelo**

1.1 Amabhunga olawulo adlala indima ebaluleke gqitha ekuncediseni iinqununu neekomiti zolawulo lwesikolo ekuboniseni ubunkokeli nolawulo lwezikolo zethu ngendlela eyiyo.

1.2 Unyulo lwamabhunga olawulo lukazwelonke lucwangciselwe ukuqala ngowoku-01 Matshi 2018 kude kube sekupheleni kwekota yokuqala yesikolo ka-2018. Uqeqesho lokumiselwa ngokusesikweni okunyanzelekileyo (*compulsory induction training*) kwamabhunga olawulo anyuliweyo amatsha luya kuqhubeka phakathi kwe-10 Apreli ne-28 Septemba 2018.

1.3 Eyona njongo iphambili yenkqubo yonyulo kukuqinisekisa ukuba kunyulwa abalawuli abanombono, abanolwazi nezakhono nabanyulwa ngokusemgaqweni ukuba banike inkxaso ukufunda nokufundisa okusemgangathweni ezikolweni.

1.4 Ukuphunyezwa kwenkqubo yonyulo ka-2018 kufuna uthatho-nxaxheba lwamagosa kuwo onke amanqanaba enkqubo yemfundo kwakunye nabathathi-nxaxheba abangundoqo abachaphazelekayo abanjengemibutho yamabhunga olawulo.

2. **Imigaqo yephondo ehlaziyiweyo**

2.1 ISebe leMfundo leNtshona Koloni sele ligqibezela imigaqo yephondo ehlaziyiweyo eyi-*Procedures for the Establishment and Election of Governing Bodies at Public Schools Draft Regulations, 2017*, lize liyithumele ezikolweni kungekudala.

2.2 Imigaqo yephondo ehlaziyiweyo iya kusebenza ukususela nge-01 Matshi 2018 ukuya phambili.

3. **Izitenxo kwinkqubo yokutyunjwa nokunyulwa kwamalungu ngosuku olunye**

3.1 Izikolo ezinqwenela ukutenxa kwinkqubo yokutyunjwa nokunyulwa kwamalungu ngosuku olunye, njengoko kumiselweyo kwimigaqo yephondo, mazenze isicelo sokucela imvume yoko kumlawuli wesithili (*district director for approval*).

3.2 Nasiphi na isitenxo masingaze, nangayiphi na indlela, sidlelele (*prejudice*) uthatho-nxaxheba lwabo nabaphi na abazali yaye masicaciswe gca yaye kuboniswe ukulunga kwaso kubahlali ukwenzela ukuba bonke bayiqonde inkqubo yonyulo eya kulandelwa.

3.3 Izizathu zokutenxa mazichazwe ngokucace gca kwisicelo esiya kumlawuli wesithili.

4. **Unyulo lwamalungu eBhunga eliMele aBafundi (*RCL*) kwibhunga lolawulo**

4.1 I-RCL iya kunyula kwakubafundi bayo abafundi ababini abaya kuba ngamalungu ebhunga lolawulo. Ithuba lokuba sesikhundleni kwelungu lebhunga lolawulo elingumfundi malingagqithi kunyaka.

4.2 Akusayi kuba yimfuneko ukunyula kwakhona amalungu amabini e-RCL ukuba babe kwibhunga lolawulo, njengokuba aba sele benyuliwe. Ithuba lokuba sesikhundleni kwabo kwibhunga lolawulo aligqithi kunyaka omnye yaye bafanelekile ukuba baqhubeke nokuba kwibhunga lolawulo elitsha kude kube sekupheleni kuka-2018.

5. **Inkxaso enikwa izikolo**

5.1 Yindima yeekomiti zonyulo zesithili (*district electoral teams*) ukongamela inkqubo yonyulo kwizithili zemfundo nakwiisekethe.

5.2 Ukuba isikolo sifuna inkxaso okanye sinemibuzo, inqununu mayiqhagamshelane nomququzeleli wekomiti yonyulo wesithili ofanelekileyo obhaliweyo apha ngezantsi.

Isithili semfundo	**Umququzeleli wekomiti yonyulo yesithili**	**Ifoni**
Cape Winelands	Mr J Goliath	023 348 4604
Eden and Central Karoo	Mr A Ellman	044 803 8309
Metro Central	Mrs B Robertson	021 514 6700
Metro East	Mr E Magodla	021 900 7000
Metro North	Mr L Rutgers	021 938 3000
Metro South	Mrs L Primo	021 370 2000
Overberg	Mr J Bailey	028 212 1730
West Coast	Mrs A Truter	021 860 1200

6. **Ukutyunjelwa isizathu esithile (*co-option*) kwamalungu angabazali kwithuba eliqala ngowoku-01 Januwari – 30 Matshi 2018**

6.1 Izithuba zinokumana zivela kumabhunga olawulo ngeli thuba lilapha ngentla ngenxa yokuphela kwethuba lokuba sesikhundleni kwamanye amalungu angabazali. Kwezi meko, izikolo kufuneka zityumbe ngokufanelekileyo, amalungu afanelekileyo nanobuchule ukuba babe kwibhunga lolawulo kwikota yokuqala yesikolo ka-2018.

6.2 Ikomiti yonyulo yesithili iya kunika izikolo namabhunga olawulo ingcaciso engenkqubo yokunikezelwa kolawulo lusuka kwibhunga elikhoyo ngoku kwabo bakwibhunga lolawulo elinyuliweyo elitsha, kwakunye nengcaciso kuloo mabhunga olawulo anyuliweyo amatsha.

7. **Ukufumana uqeqesho kwamagosa onyulo ezikolo**

Iinqununu namasekela-nqununu aya kufumana uqeqesho njengamagosa onyulo ukususela nge-29 Januwari 2018 kude kuyokuba nge-09 Februwari 2018.

8. **Ukugaya inkxaso ngamandla (*Advocacy*)**

8.1 Kucetywa iindlela ngeendlela kuzwelonke, kumaphondo nakwizithili ukukhuthaza abazali, abahlali, ootitshala nabo basebenzi bangezotitshala ukuba bathathe inxaxheba kwinkqubo yonyulo lwebhunga lolawulo apho esikolweni.

8.2 Ekuhlaleni, imibutho yamabhunga olawulo ezikolo njengamalungu eKomiti yoNyulo yePhondo (*Provincial Electoral Team*) ikuthathele kuyo ukuququzelela inkxaso ngamandla, isebenzisa imibutho ngemibutho yasekuhlaleni.

8.3 Kukhuthazwa kwakhona iikomiti zonyulo zezikolo zivelise ezazo iindlela zokukhuthaza ngamandla inkxaso kolu lunyulo luzayo kwizikolo zazo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-06-28